IKomiti eKhethekileyo yeBhunga lamaPhondo kaZwelonke ngokuphathelele kwiziPhakamiso zamaLungu eNdlu yoWiso-mthetho iqwalasela imithetho esaQulunqwayo kumalungu eNCOP kunye namalungu eziNdlu zoWiso-mthetho zamaphondo.

Amaxwebhu ezikhalazo asenokugqithiswa ePalamente aze abhekiswe kwikomiti enxulumene nomba lowo uphakanyisiweyo kuxwebhu lwezikhalazo.

**IiKomiti zangaPhakathi**

INdlu yoWiso-mthetho ineekomiti zangaphakathi eziliqela eziqubisana nemiba echaphazela ukusebenza kwePalamente. Iikomiti zinamaLungu ePalamente aphezulu IKomiti yeMigaqo neekomiti eziphantsi kwayo zisebenza ngemithetho yeNdlu, uhlahlo lwabiwo-mali lweNdlu, inkxaso kuamaLungu, izicwangciso zangaphakathi, amagunya namalungelo amalungu. Ezinye iiKomiti zangaphakathi yiKomiti yeNkqubo yona ecwangcisa umsebenzi weNdlu yoWiso-mthetho, iKomiti yoLuleko kunye neKomiti yooSihlalo.

IBhunga lamaPhondo kaZwelonke lineeKomiti zasekhaya ezizezayo. IKomiti yemiGaqo kunye neekomiti eziphantsi kwayo zisebenza ngemigaqo yeNCOP, uhlahlo lwabiwo-mali lweNCOP, amalungelo akhethekileyo ePalamente, izicwangciso zangaphakathi, ubudlelwane bezizwe ngezizwe kunye nemithetho enikezelweyo. IKomiti yeNkqubo icwangcisa umsebenzi weNCOP ize iKomiti yooSihlalo yona yenze iingcebiso ngokusebenza kweeKomiti nezinye iingxoxo zeNCOP.

**IKomiti yeXeshana**

IPalamente okanye enye yeziNdlu zazo isenokonyula iKomiti yexeshana (eza kuphela kwakamsinya) xa kukho umsebenzi owodwa ekufuneka wenziwe. Xa umsebenzi ugqityiwe, iyachithwa iKomiti leyo.

**IKomiti yeziNdlu zombini**

INdlu yoWiso-mthetho kunye neBhunga lamaPhondo kaZwelonke zonyula iqela leekomiti zezindlu zombini zepalamente, umzekelo iKomiti yokuPhononongo uMgaqo-siseko.

IKomiti yeziNdlu zombini yezobuNtlola kunye neKomiti yeziNdlu zombini yezoKhuselo ziziiKomiti ezimiswe ngokusemthethweni. Le nto ithetha ukuba zimiswe ngokoMgaqo-siseko okanye ngokoMthetho wePalamente kunye nangokwemiGaqo yePalamente.

IiKomiti zidlala indima ebaluleke kakhulu kwinkqubo yokwakha idemokhrasi kunye nokubandakanywa koluntu kwiinkqubo nemisebenzi yePalamente.

Eli phecana liyafumaneka ngazo zonke ilwimi zoMzantsi Afrika ezisemthethweni.

Produced by the Public Education Office • Parliamentary Communication Services • INSPIRED BY PEOPLE
www.parliament.gov.za • P.O. Box 15, Cape Town, 8000 • Telephone: (021) 403 3341 • Facsimile: (021) 403 3303

PARLIAMENT
OF THE REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

PARLIAMENT
OF THE REPUBLIC OF SOUTH AFRICA



Xhosa

*IiKomiti zePalamente*

# IiKomiti zePalamente

**INDIMA NEMISEBENZI YEEKOMITI ZEPALAMENTE**

Izindlu zombini zasePalemente, iNdlu yoWiso-mthetho kunye neBhunga lamaPhondo kaZwelonke, zibamba iindibano zocweyo (apho amaLungu eNdlu adibana kunye enze iqela elinye), kwiindibano zezindlu zombini (apho amaLungu ezindlu zombini adibana khona njengeqela elinye), kunye nakwiiKomitini (amaqela amancinane amaLungu).

Ukusebenza kwiiKomiti kwenza ukuba iPalamente:

- Yongeze umsebenzi onokwenziwa
- Iqinisekisa ukuba imiba inokuxoxwa banzi kunokuba kusenziwa kwiindibano zocweyo .
- Yongeze umgangatho wokuthabatha inxaxheba kwamaLungu ePalamente kwiingxoxo.
- Yenze amaLungu ePalamente ukuba aphuhlise izakhono kwakunye nokufumana ulwazi oluphangaleleyo malunga nomsebenzi weKomiti leyo
- Ukubonelela uluntu ngeqonga ukuze lukwazi ukuvakalisa izimvo zalo kuMalungu ePalamente, nto leyo ekungelula ukwenzeka kwindibano yocweyo epalamente.
- Ukubonelela ngethuba lokuba iPalamente ive ubungqina ize iqokelele ulwazi olunxulumene nomsebenzi weKomiti ethile.

Iikomiti, ngokubanzi, zimelwa yimibutho esePalamente ngokwenani lokuvotelwa kwazo. Iintlanganiso zeeKomiti zivulelekile eluntwini, kodwa zinokungavuleleki xa kukho isizathu esifanelekileyo sokwenza oko.

Iikomiti ezahlukeneyo zinale misebenzi ilandelayo:

- Ziqwalasela zize zongamele umsebenzi nohlahlo lwabiwo-mali lwamasebe karhulumente kazwelonke ukuze ziwenze ukuba anike ingcaciso
- Ziqwalasela zize zilungise iMithetho eYilwayo, kwaye zinokwazisa iMithetho eYilwayo.
- Ziqwalasela iziphakamiso zabucala nezezindlu zamaphondo zowiso-mthetho kunye namaxwebhu ezikhalazo akhethekileyo.
- Ziqwalasela iminqophiso nezivumelwano zamazwe ngamazwe
- Zivavanya imimandla ethile yobomi boluntu okanye izinto uluntu olunomdla kuzo
- Zisingatha imiba edla umzi wasebuPalementeni.

Iikomiti zinamagunya okubiza nawuphi na umntu ukuba avele phambi kwazo, anike ubungqina okanye aveze amaxwebhu. Zingafuna nabani na okanye naliphi na iziko ukuba linike inkcazo kuzo. Iikomiti zingafumana amaxwebhu, iinkcazo okanye izingeniso ezivela eluntwini. IKomiti nganye yonganyelwe nguSihlalo.

Iikomiti zePalamente

**IIKOMITI EZAHLUKENEYO ZASEPALAMENTE**

**IiKomiti zemiCimbi yesebe**

INdlu yowiso-Mthetho yonyula inani leeKomiti zemiCimbi yesebe kwakumalungu ayo ukuze yenze imisebenzi yamasebe eyahlukahlukeneyo karhulumente.

Umsebenzi weKomiti yeMicimbi yesebe kuku:

- Qwalasela iMithetho esaYilwayo
- Ukujongana neevoti zohlahlo lwabiwo-mali lwamasebe
- Ukongamela umsebenzi wesebe abajongene nalo, nokuphanda kunye nokwenza iziphakamiso ezimalunga nawuphi na umba wesebe kuquka ubume, indlela elisebenza ngayo kunye nenkqubo-sikhokelo.

Umsebenzi weeKomiti awuphelelanga kurhulumente kuphela. Isenokuphanda nangawo nawuphi na umba onika umdla eluntwini owela phantsi kolawulo lwayo. Kukho iKomiti yeMicimbi yeSebe kwiSebe ngalinye likazwelonke nakumasebe alo karhulumente.

**IiKomiti eziKhethekileyo**

IBhunga lamaPhondo kaZwelonke lonyula inani leeKomiti eziKhethekileyo kumalungu asisigxina ukwenza umsebenzi wamasebe ohlukahlukeneyo karhulumente kazwelonke kunye nokusebenza ngeMithetho eYilwayo. Ngenxa yokuba ingama-54 wama-90 amaLungu asisigxina kwiNCOP xa kuthelekiswa nama-400 weNdlu yoWiso-mthetho, iKomiti ekhethekileyo yongamela umsebenzi kumasebe karhulumente kazwelonke angaphezu kwesinye.

**IKomiti yokuNik' iNgxelo kuLuntu**

IKomiti yokuNik' iNgxelo kuLuntu yeNdlu yoWiso-mthetho isebenza njengonogada wePalamente kwindlela ezisetyenziswa ngayo sisiGqeba iimali zabarhafi. Qho ngonyaka abaPhicothi-zincwadi Jikelele bagqithisa iingxelo ngee-akhawunti nolawulo lwezezimali lwamasebe ohlukahlukeneyo karhulumente kunye namaziko kaRhulumente.

IiNtloko zamasebe karhulumente namaziko asoloko ebizwa yile komiti ukuza kunika ingxelo kunye nokuphendula ngenkcitho-mali. IKomiti isenokuphakamisa ukuba iNdlu yoWiso-mthetho yenze izilungiso xa kuyimfuneko.

**IiKomiti yeziPhakamiso zamaLungu eNdlu yoWiso-mthetho kunye neyamaXwebhu ezikhalazo.**

Imithetho esaQulunkqwayo isenokungeniswa liLungu elizimeleyo leNdlu yoWiso-mthetho. Le mithetho iyilwayo inikelwa ingqalelo yiKomiti yeNdlu yoWiso-mthetho eziMeleyo yeziPhakamiso zabuCala zamaLungu kunye namaXwebhu ezikhalazo aKhethekileyo. Ukuba iKomiti iyavumelana ngomgaqo-sikhokelo womThetho-oQulunqwayo, uMthetho oYilwayo uza kulungiswa uze uxovulwe yiPalamente.